



# education

---

Department:  
Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 10**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA**

**IPHEPHA 3**

**NOVEMBA 2006**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: 3 IYURE**

**This question paper consists of 7 pages.**

**IMIYALELO:**

1. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule umbuzo OMNYE kwiCandelo A noMNYE kwiCandelo B ibe MIBINI kwiCandelo C.
2. ICandelo ngalinye malibhalwe kwiphepha elitsha, uze ukrwele umgca wakugqiba iCandelo elo.
3. Shiya umgca phakathi kweempendulo zakho ozinikileyo.
4. Bhala cacileyo nacocekileyo ukuze kube lula ukukorekisha umsebenzi wakho.
5. Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nokwakhiwa kwezivakalisi.
6. **UBUDE BEEMPENDULO:**

ICANDELO A: IsiNcoko – Bhala isincoko esingama-400 – 450amagama.

ICANDELO B: ImiHlathana emide – Bhala i-180 – 200 amagama(umxholo kuphela) .

ICANDELO C: ImiHlathana emifutshane – Bhala i-120 – 150 amagama.

ICANDELO D: IITEKISI EZIBONWAYO NEZEMALTHMIDIYA - Bhala ama-120 – 150 amagama.

**ICANDELO A****ISINCOKO****UMBUZO 1**

Bhala ibali elibandakanya amazwi athi, “Umntu olungileyo uyamzala umntwana ongalunganga”. La mazwi unokuwasebenzisa ekuqaleni, phakathi nasekupheleni kwesincoko. Yila isihloko esifanelekileyo. [50]

**UMBUZO 2**

Kweli xesha leDemokhrasi imisebenzi ayohlulwa ngokwesini kodwa bakhona abathi indawo yoomama isekhithshini. Khawunike izimvo zakho uyixhase okanye uyiphikise le ntetho. Yila isihloko sesi sincoko. [50]

**UMBUZO 3**

Imvula idlala indima enkulu kwintlalo yethu kodwa ikwanobungozi obugqithisileyo. Bhala isincoko uwavelele omabini amacala ngemvula. [50]

**UMBUZO 4**

Xa ndinokuba ngomnye wabafundi abakwisigqeba esilawula abafundi kwisikolo sam (i-LRC). Bhala isincoko uvelise konke onokuthi ukwenze ukuphakamisa umgangatho wesikolo. [50]

**UMBUZO 5**

Impatho-mbi eyenziwa ngootata koomama nakubantwana abangamantombazana ithath'unyawo eMzantsi Afrika. Kwisincoko sakho chaza indlela eqhubeka ngayo le mpatho-mbi neendlela enokuthintelwa ngayo. [50]

**UMBUZO 6**

Isifo uGawulayo sigawula umntu omncinane, ophakathi nomdala. Bhala isincoko ngesihloko esithi, “UGawulayo.” [50]

**AMANQAKU EWONKE KWICANDELO A: 50**

**ICANDELO B****IMIHLATHANA EMIDE****UMBUZO 1**

Abafundisi-ntsapho ababini ababoni ngaso'nye ngokupheliswa koswazi ezikolweni. Omnye ubona uRhulumente enze impazamo enkulu kanti omnye uthi akukho nencinane impazamo. Bhala ingxoxo, zivele elubala izizathu esiqamele ngazo esi sibini.

**[30]****UMBUZO 2**

Umhlobo wakho osenyongweni/omthandayo uphumelele iindebe ezintathu kumacandelo ohlukeneyo kunikezelo-mabhaso obe luqhutyelwa eSaphukanduku SSS kuNtabankulu. Bhala ileta uvuyisane naye ukwamkhuthaza ukuze enze ngaphezulu koku kwilixa elizayo.

**[30]****UMBUZO 3**

Abafundi abenza ezorhwebo kwisikolo sakho banqwenela ukuya kuphulaphula uMphathiswa wezeMali xa esenza ulwabiwo-mali eKapa. Yenzela inqununu imemorandam ngalo mcimbi,ubeke izizathu eziphathekayo.


**[30]****UMBUZO 4**

Umzi wakwaTown Talk eMonti ufuna umthengisi wethutyana ngexesha leeholide zikaDisemba. Bhala iSivi enazo zonke iinkcukacha ngawe wakuyigqiba uyithumele.

**[30]****AMANQAKU EWONKE KWICANDELO B: 30**

**ICANDELO C****IMIHLATHANA EMIFUTSHANE****UMBUZO 1**

Usebenza kumzi othengisa izindlu wakwa-IGOLI HOMES. Njengomthengisi ovunyiweyo, **bhala isibhengezo-ntengiso** esitsala umdla kumthengi.



[10]

**UMBUZO 2**

**Yila ikhadi** lesimemo somnyhadala womxhentso wesiNtu oza kuqhutyelwa kwisikolo sakho ngosuku lokukhumbula ingqanga yolwimi lwesiXhosa, uS.E.K. Mqhayi.

[10]

**UMBUZO 3**

**Bhala i-imeyli** eya kumhlobo wakho okwelinye iPhondo umxelele ngombhiyozo womhla wokuzalwa kwakho oza kubanjwa kutshanje.

[10]

**AMANQAKU EWONKE KWICANDELO C: 10**

**ICANDELO D**

**IITEKISI EZIBONWAYO NEZEMALTHMIDIYA**

**UMBUZO 1**

Usandula kuhla kwinqwelo-ntaka kwisiKhululo saseCape Town International Airport esisemfanekisweni. Unikwa le mephu ukuba ikukhokele kuba ufuna indlela eya kweliya chaphaza likhulu lisisangqa lingaseMilnerton. **Bhala** eyona ndlela imfutshane yokuya kufika apho.



[10]

**UMBUZO 2**

Umalume wakho uvule ishishini elithengisa iyunifom yesikolo. **Yila ii-flaya** eziza kwenza eli shishini laziwe luluNtu. Kwii-flaya zakho qiniseka ukuba ziyavela zonke iinkcukacha ngeli shishini.

[10]

**UMBUZO 3**

**Bhala iresiphi** yako nakuphi ukutya kwezi ndidi zilandelayo: umqa okanye isaladi okanye isonka sombona (umkhupha). **[10]**

**AMANQAKU EWONKE KWICANDELO D: 10**

**AMANQAKU EWONKE: 100**